



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2016

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 3

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure



Olu viwo lunamaphepha ama – 5.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Izincoko (50)
ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)
QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI
kwiCandelo B.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A kunye nemibuzo emiBINI kwicandelo B.
3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/ itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/ amagama angundoqo, njl.njl.) uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:
- ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80
ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

- 1.1 Impumelelo engenakulibaleka kubomi bam. [50]
- 1.2 Ukutyalwa kwembewu eyiyo ezingqondweni zolutsha. [50]
- 1.3 Ubutyebi obungaphelelwayo bufumaneka ezincwadini. [50]
- 1.4 Oxhela eyakhe akabuzwa. [50]
- 1.5 Amandla olutsha kwiinguqu zeli xesha. [50]
- 1.6 Amapolisa nezaphuli-mthetho. [50]
- 1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[www.facebook.com/team.epilepsy] [50]

1.7.2



[www.facebook.com/team epilepsy] [50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali—100-120 (umxholo kuphela)

UMBUZO 2**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ileta yokuvuyisana. [25]

2.2 I-OBHITSHUWARI

Bhala i-obhitshuwari yomntu omaziyo. [25]

2.3 ILETA ESESIKWENI

Bhala ileta yokwamkela isimemo sokumela isikolo sakho kwitheko lesiThili. [25]

2.4 INGXELO ENGEKHO SESIKWENI

Yenza ingxelo yoqeqesho lokulungiselela iimviwo obuye kulo. [25]

2.5 INTETHO ENGEKHO SESIKWENI

Bhala intetho engekho sikweni ngokubaluleka kokumanyana kwabafundi. [25]

2.6 INGXOXO YABABINI.

Bhala ingxoxo phakathi kwenqununu entsha nomphathi wabafundi. [25]

AMANQAKU ECANDELO B (25 x 2): 50
AMANQAKU EWONKE: 100

